

NINGATHINI NA

UKUWUSABA UMGWEBO

u-Mat. 23:33

U

UTHIXO UYA KUWUKHU-

LULA UMPHEFUMI WAM

lindumiso 49:15

## VULINDLELA

XHOSA – “Who will be lost?”

# NGUBANI NA OYAKULAHLEKA ?

Kukho abantu abaninzi abangathandiyo ukuba sithethe ngalento sithetha ngayo apha namhlanje kuba besoyika ukwazi okona kuyinyaniso ngesihogo Boyika into yokuba bazakuzibona betyibilikela esihogweni ngokukhawuleza okukhulu. Bambi baye bazame ukuthuthuzela iimvalo zabo ngokuthi, “uTixo nguTixo wotha-ndo akangeze alahlele mntu esihogweni. Xa bathetha ngalendlela bacinga ukuba indaba yabo malunga nobomi obungunaphakade sel’ ilungisiwe, nokuthi ubomi babo bezono buyakwamkelwa ezulwini. “Anazi ukuba abangemalungisa, abayi kubudla ilifa ubukumkani bukaTixo? Musani ukulahlekiswa, abenza umbulo nabakhonzi bezitixo, nabakrexezi nezifebe, namadoda alalanayo, namasela namabawa namanxila, nabatshabisi, nabaphangi, abayi kubudla ilifa ubukumkani bukaTixo.” (1 abaseKorinte 6:9-10). “Akusayi kungenakuwo nanyeinto eyenza inqambi, eyenza isikizi nobuxoki, abaya kungenangabo bodwa babalwe encwadini yobomi yemVana.” (Isityihilelo 21:27).

Bakho kwakhona abazama ukuqinisa ukuba akukho zulu nasihogo, kukwakho olunye uluhlu olufundiswa ngumntu ukuba emva kokufa abantu bayakuhlajululwa ngomlilo ukuze emva koko babe nakho ukungena ezulwini. Ziyamangalisa izinto ezenziwa ngabantu kuba bezikhohlisa ngokuthi akukho sihogo. Abanye basibaleka ngokuthi akukho bomi

emva kokufa, besithi sithi sakuba sifile kube kuphelile akukho nto ikhoyo ngaphaya kwengcwaba. I lizwi likaTixo lisixelela ukuba, “Ke abantu bamiselwe ukuba bafe kube kanye ize ke emveni koko ibe ngumgwebu.” (Kuma Hebere 9:27). Bakwa kho nabanye abathi, ngabo bafa bengamakholwa bodwa abayakuphila emva kwengcwaba, abanye bayafa kube kuphelile. Kukho abantu abaninzi kwiindawo ezininzi apha emhlabeni abathi, uthi umntu akuba efile abuye avuke ngasimo simbi abe yinkomo, okanye intyatyambo, nokuba yinyoka, okanye abe sisidalwa nje nokuba sesaluphi na uhlobo. Buninzi ke ubuxoki obuthethwa ngabantu kuba bebalaka inyaniso, besusa uvalo olukhoyo ezintliziyweni zabo ngesihogo.



### SIKHO NA ISIHOGO?

Umntu esimelwe kukumkholwa ngaphezu kwabo bonke abantu yiNkosi uYesu. Wathetha kakhulu ngesihogo ke ngoko sizakhangela ivesi ezimbalwa elizwini lakhe sive

ukuba uthini na. “Othe ke, siyatha ndini woba sisisulu sesihogo somlilo.” (Mateyu 5:22).

“Ukuba ke iliso lakho lokunene liyakukhubekisa, linyothule ulilahle kuwe, kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho, kunokuba umzimba wakho uphela uphoswe

esihogweni. Nokuba isandla sakho sokunene siyakukhubekisa, sinqamle usilahle kuwe, kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho kunokuba umzimba wakho uphela uphoswe esihogweni.” (Mateyu 5:29-30). “Kodwa bona abantwana bobukumkani bayakukhutshelwa emnyameni ongaphandle, khona apho kuya kuba kho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.” (Mateyu 8:12). “Ningaboyiki aabo babulala umzimba kodwa be ngenakho ukuwubulala wona umphefumlo, yoyikani ke kanye lowo unakho ukutshabalalisa umphefumlo kwa nomzimba esihogweni somlilo.” (Mateyu 10:28). “Nawe Kapernahum, uphakanyiselweyo ezulwini, uyakuphoselwa phantsi kwelabafileyo, ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuwe ukubayayenzeke eSodum inge ihleli kwada kwaba namhla.” (Mateyu 11:23).

“Nje ngokuba ngoko ubuthwa umdiza, utshiswe ngomlilo kuyakuba njalo ekuphelisweni kweli phakade. UNyana womNtu uyakuthuma izithunywa zakhe zize zibuthe, zikhuphe ebukumkanini bakhe zonke izikhubekiso, naabo benza okuchasene nomthetho zibaphose ezikweni lomlilo khona apho kuya kuba kho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.” (Mateyu 13:40-42, 49, 50).

“Athi kuye, Wethu, utheni na ukungena apha ungenayo ingubo yomsitho? Lamkhohla ke. Wathi ukumkani kubalungiseleli, mbopheni iinyawo nezandla nimthabathe nimkhuphele ebumnyameni bangaphandle, khona apho kuya kuba kho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.” (Mateyu 22:12-13). ZiNyoka ndini, nzala ndini yamaramba, ningathi ni na ukuwusaba umgwebo wesihogo? (Mateyu 23:33). “Baya kumka aba baye elubethweni olungunaphakade, ke wona amalungisa aya kuya ebomini obungunaphakade.” (Mateyu 25:46). Lamazwi akhethwe ephuma kwincwadi enye nje kuphela yeziBalo kukho ezininzi ngaphezu koku.

## ISIHOGO SIFANA NANTONI NA ?

Ngenye imini uYesu wawususa umkhusane wasibonisa kancinci ukuba isihogo sinjani na. Ku Luka 16:19-31, UYesu usinika umfanekiso wesihogo. Usibonisa into embi kakhulu engazange ibonwe ngeliso. Usibonisa umlilo omkhulu wesihogo uyutha ngamandla, esazulwini solulwandle lomlilo kukho umntu. Lomntu akalele uhleli, uyaphila, waye uyibona yonke into eyenzekayo apha kuye. Uyabona waye uyeva, uyeva ngendlebe, nolwimi lwakhe luyeva. Lomntu wakhe wahamba waphila apha emhlabeni nje ngathi aaba. Wabeva abashumayeli nabaprofethi, nje ngokuba uninzi lwethu lusiva namhlanje. Into elusizi kukuba akazange ayithathele ngqalelo into awayeyiva ithethwa nguMoses nabaprofethi, nje nga namhlanje abantu abaninzi abayikhathalele into ethethwa yiBayibile nangabashumayeli. Lomntu wayengacingi nto ngento eyakwenzeka kuye emva kokufa kananjalo wayengayikhathalele lonto. Kusenokwe-

nzeka ukuba wayecinga ukuba uTixo ulunge kakhulu akanakuze amlahlele esihogweni xa efile, nokuba kuye kwenzeka ukuba awele esihogweni baninzi abafundisi abayakumthandazela ukuze abe nakho ukuphuma apho. Mhlobo wam, kuyo yonke lento uye waphelela esihogweni saye ke apha simbona engekho nasecaleni esihogweni kodwa usesazulwini, phakathi kwamalangatye avuthayo.

Khangela ubuso bakhe ubone imbandezelo akuyo, khangela amehlo akhe ubone uloyiko olukuwo nokungabi kho kwethemba, mamela isikhalo sakhe esibuhlungu nje ngokuba ememeza uBawo uAbram esithi, “Yiba nofefe kum uthumele uLazaro ukuthi afake nje incam yomnwe wakhe emanzini, apholise ulwimi lwam, ngoba ndiyathuthunjelwa kwelilangatye, ndiyakukhunga ke ngoko bawo, ukuba umthume endlwini kabawo, ndinabazalwane bahlanu, makaye abaxelele, hleze nabo beze kulendawo yeentuthumbo. Ubawo uAbraham uthe kuye bano Moses nabaprofeti ma beve bona. Kodwa lomntu osesihogweni wathi, ukuba kungavuka umntu emangcwabeni aye kubaxelele baya kumva yena. UAbraham wathi, ukuba abanakuva abaprofeti, abanakumva ke nomntu ovuka emangcwabeni.

Zingaphi izihlobo zethu nezizalwane zethu ezikulomlilo wesihogo ezithanda ukubuya zizokusilumkisa ngento eyinene ekuyiyo esihogweni. Abanakho ukubuyela kuthi, thina sinelizwi likaTixo kufuneka sikholwe kulo. UYesu wavuka kwabafileyo, bangaphi abakholwayo kuye? Babambalwa nje kuphela.

Intuthumbo esesihogweni asiyo eyomzuzwana nje, yeyanaphakade. “Mkani kum nina baqalekiswa niye emlilweni ongunaphakade.” (Mateyu 25:41). “Umtyholi lowo ubalahlekisayo waphoswa edikeni lomlilo nesulfure, baya kuthuthunjelwa imini nobusuku kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Wathi ongapfunyanwanga ebaliwe encwadini yobomi, waphoswa edikeni lomlilo.” (Isityhilelo 20:10-15). “Apho kumpethu ingafiyo kumlilo ungacinywayo.” (Marko 9:48).

Isihogo yindawo yentuthumbo, yentshutshiso yentlupheko. Ibayibile isixelela ukuba kuyakuba kho ukulila nokutshixiza kwamazinyo. Umlilo wenza iintlungu kwaye abantu abangeze bakhale batshixizise amazinyo ukuba bafike nje ngokuba abanye abantu becinga nanje ngokuba becinga ukuba akukho bomi emva kokufa. Kukho ubomi emva kokufa kuba sifunda kwiSityhilelo 20:12 “Ndababona abafileyo abancinane nabakhulu bemi phambi koTixo.” Ukuba siyakuthi sakuba sifile siye esihogweni siyakuhlala khona unaphakade kanaphakade sinyamezele iintuthumbo, iintshutshiso, neentlungu zomlilo.

## NGUBANI OYA ESIHOGWENI ?

Isihogo sasilungiselelwe uSathana nezithunywa zakhe. Bonke aboonayo nabamamela ilizwi



likaSathana, nabo bamagama abo angabalwanga eNcwadini yoBomi, baya kulendawo iqalekisiweyo. (Mateyu 25:41; Isityh. 20:15). Apha sithetha ngabantu bonke, mna nawe. "Kuba bonile bonke basilelela eluzukweni lukaTixo." (Abase Roma 3:23). "Ngenxa yoko nje ngokuba isono sangena ngamntu mnye ehlabathini (uAdama) kwangena ke ukufa ngaso isono, kwaza ngokunjalo ukufa kwabatyhutyha abantu bonke ekubeni bonke boonayo." (Abase Roma 5:12). Ngenxa yesono sikaAdama ukufa kusingene sonke ke ngoko mna nawe simelwe kukufa. Kwa ngayo lendlela isono singene kum nakuwe ke ngoko sonke singabooni phambi koTixo. Sinemvela yesono, ibe isono siyasikhanuka ukuze singayenzi intando kaTixo. Abantu abafundiswa ukoona, boona nje ngendalo. Kodwa kufuneka bafundiswe ukuva uTixo, ukuzinikela kuye, nokumkhonza. Ngenxa yesono esikhoyo kubo bonke abantu, sonke siyasilelela eluzukweni lukaTixo saye sonke siya esihogweni ngalondlela. Nokuba siyathanda nokuba asithandi ukwazi inyaniso yona inye yeyokuba siya esihogweni.

Baninzi abathandaza bathi, "Nkosi, Nkosi," yonke imihla besenza imithandazo ethile esencwadini kodwa abayazi into yokuba iNkosi ngumSindisi wabo, ababantu abakazalwa ngokutsha. Ngokuqinisekileyo nabo bayakungena esihogweni. (Mateyu 7:21-23). Kwakhona kukho aabo bathi bangamakrestu kodwa abanazo iziqhamo ezibonakalayo zobukrestu, nabo bayakulahlelwa edikeni lomlilo. (Mateyu 7:19). Imisebenzi yenyama ekungafunekiyo ukuba ifunyanwe kuthi yile, ukrexexo, umbulo, ukunchola, ubureletyo, ukubusa kwizitixo, ukukhafula, intiyo, iinkani, amakhwele, imisindo amayelenqe, iimbambaniso, izahlukano, oomona, ookubulala ookunxila iindywala, nezinto ezinje ngezo, endinixelayo ngenxa engaphambili, nje ngokuba be se ndinixelele kade ukuba abazenzayo izinto ezinjalo abayi kubudla ilifa abukumkani bukaTixo." (KumaGalati 5:19-21). "Ukuba sizibiza ukuba singamakholwa ilizwe kufuneka lisibone sinothando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa." (KumaGalati 5:22-24).

Aabo bayakufunyanwa esihogweni ngaabo bayakube bengahlanjululwanga liGazi elingabileyo likaYesu, abangazange baguquke ezonweni zabo, abangasamkelanga isipho sikaTixo esibubomi obungunaphakade, ingabo bathe ngenxa yokungeva balinyathela ngenyawo iGazi likaYesu.

iNkosi yathetha noNikodimo, owayengumshumayeli yathi kuye, "Ukuba akathanga umntu azalwe ngokutsha akanakububona ubukumkani bukaTixo." (Yohane 3:3). Ngokutsho iNkosi yayimbonisa ukuba noxa yena engumshumayeli waye engumntu olungileyo, kusafuneka azalwe ngokutsha ukuze abe nakho ukungena ezulwini. Ukuba asizalwanga ngokutsha akukhathaliseki nokuba esiziphethe kakuhle kangakanani siyakuya esihogweni.

"Niba wobeka phina ke ukufanelwa kukubethwa okubi ngakumbi lo umnyathelele phantsi uNyana kaTixo walibalela ekuthini liyinqambi igazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, wamgxeka uMoya wobabalo. Kuba siyamazi lowo watshoyo ukuthi, impindezelo yeyam, uya ubuyeseza mna itsho iNkosi. Kananjalo wathi iNkosi iyakubagweba abantu bayo Kuyoyikeka ke ukweyela ezandleni zikaTixo ophilileyo." (KumaHebere 10:29-31).

## NGUBANI NA OSITHUMELA ESIHOGWENI ?

Uninzi lwabantu luthi, uTixo uluthando ke ngoko akanakuze asithumele esihogweni. Kwenzeka njani ukuba abantu baye esihogweni. UTixo ngenxa yothando lwakhe olukhulu wenze indlela yokuba siphuncuke esihogweni ke kuxhomekeke komnye nomnye wethu ukuba azikhethela apho afuna ukuyakudlela khona iphakade. Leyo ke indawo uTixo uyibeka emandleni ethu, kukuthi ukukhetha izulu okanye isihogo. Ukuba sifuna ukuya ezulwini, siyibonisiwe indlela, ukuba siyayichasa indlela kaTixo yosindiso, okanye sizikhethela ubumnandi bezono obungumzuzwana thina ngokwethu sizisa esihogweni, ngoba yiyo leyo indlela yokuya khona. Mna nawe siyibonisiwe indlela eya ezulwini neya esihogweni, kodwa ndim nawe abayakuzikhethela indlela esifuna ukuhamba ngayo siye ekupheleni kwayo.

## SOSINDA NJANI NA ?

UTixo wasenzela indlela yokusinda ekungafuneki mali kuyo, ekungafuneki ukuba ube nemfundo enkulu ukuze ube nakho ukuyisebenzisa, ayifuni nokuba ube ngumntu ophila kakuhle ukuze kube nokuyisebenzisa, kananjalo akukho mfuneko yokuba uyisebenzele. Indlela kaTixo ayihlawulelwa, yeyomoni ongendawo nomntu olungileyo. Umntwana omncinci ongafundanga angayiqonda ayamkele ngokunjalo nakumntu omkhulu. Ingummangalis, inozuko izisa uxolo novuyo. Indlela kaTixo isusa umthwalo onzima wesono emagxeni, yaye idyokhwe kaTixo ilula kwa nomthwalo wakhe ngokunjalo. (Mateyu 11:29-30).

Indlela kaTixo ifunyanwa ngokuguquka nokulahla izono zethu. Kufuneka siye nenguquko yenene enodano lwezono esizenzileyo iziyeke. "Ngoku ke ndiyavuya ndivuyela ukuba nenziwa buhlungu ngokwasinga enguqukweni. Kuba ubuhlungu obungokuka kaTixo busebenza-inguquko esingisa elusindisweni." (2 Korinte 7:9-10). "Velisani ngoko iziqhamo eziyifaneleyo inguquko." (Mateyu 3:8). "Ndithi kuni ngokukwanjalo kuya kuba kho uvuyo emazulwini ngomoni eba mnye oguqukayo kunamashumi asithoba anesithoba amalungisa angaswele nguquko." (Luka 15:7). "Kubaliwe ngokunjalo umelwe ngokunjalo uKrestu kukuthi eve ubunzima abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesithathu nokuba kuvakaliswe egameni lakhe inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke iintlanga." (Luka 24:46-47).

“Ububele bukaTixo bukusa enguqukweni.” (Luka 2:4). Xa sithe ngenxa yoMoya oyiNgcwele sazibona ukuba singaboni aboyikekayo sibe siyaguquka sifanelwa kukuvuma izono zethu kuba, “uthembekile ulilungisa ukuba asixolele Izono zethu asihlambulule kuko konke ukungalingisi.” (1 Yohane 1:9).

Kufuneka sikholwe samkele ngokholo oko uYesu asenzele kona. “Nje ngokuba ke uMoses wayiphakamisayo inyoka entlango umelwe kukuphakanyiswa njalo uNyana womNtu ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade. Kuba weenje nje uTixo ukulithanda kwakhe ihlabathi ude wancama uNyana wakhe ekuphela kwamzeleyo ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali koko babe nobomi obungunaphakade. Kuba uTixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe ihlabathi wamthuma ukuze ihlabathi lisindiswe ngaye Lowo ukholwayo kuye akagwetywa ke lowo ungakholwayo usef’egwetyiwe, ngokuba engakholwanga kwigama loNyana okuphela kwamzeleyo uTixo. “Lowo ukholwayo kuNyana unobomi obungunaphakade, ke lowo ungamviyo uNyana akayi kubona bomi ingqumbo kaTixo ihleli phezu kwakhe.” (Yohane 3:14-18, 36). “Inene, ndithi kuni lowo ulivayo ilizwi lam akholwe ngulowo wandithumayo unobomi obungunaphakade akezi ekugwetyweni uphume ekufeni wangena ebomini.” (Yohane 5:24). “Kuba nisindiswe ngokubabalwa ngalo ukholo nakho oko kungaphumi kuni kuisipho sikaTixo.” (Kwabase Efese 2:8).

Kuba uAdam woona, ukufa nesono kwangena kubo bonke abantu kodwa kuba uYesu owayengenasono, uNyana kaTixo wafela mna nawe esifa esikhundleni sethu, sinelungelo lokufumana ubomi obungunaphakade. “Kuba nje ngokuba kuye uAdama bafa bonke ngokunjalo nakuye uKrestu baya kudliswa ubomi bonke.” (1 AbaseKorinte 15:22).

Uyabona ke ukuba into ekufuneka siyenzile thina incinci yaye ayinantlawulo. Kufuneka kuphela siguquke, sizivume izono zethu, sikholwe, simamkele uYesu Krestu ukuba abe yiNkosi nomSindisi wethu, Ohlawulayo nowenza wonke umsebenzi nguYesu Krestu. Waluhlawula usindiso lwethu ngobomi bakhe emnqamlezweni eGolgotha, uhlambulula iintliziyi zethu ngegazi lakhe elinqabileyo, uxolela izono zethu ezininzi, usinika igunya lokuba sibe ngabantwana bakaTixo uyasamkela asenze abakhe.

Usindiso asinika lona uYesu lungummangaliso alunantlawulo. Akulwamkeli na olusindiso ngokuthi wamkele uYesu ngoku?

Kwakukho ndoda ithile eyayingakholwanga eyayizama ukubonisa ekholiweyo ukuba ubukholwa bayo abuncedi nto kananjalo akasoze abe nto. Yaqala ngokubuza le ingakholwanga yathi, “UYesu lo wakho ukwenzela ntoni?” Waphendula lo ungumkrestu wathi, “Undisindisile.” Ongakholwanga waphinda wabuza wathi, “Yintoni ke leyo?” Watsho enoncumo olubonisa ukuba akakholwa. Uphendule omnye wathi, “hamba nam siye ngasemnyango ukuze ndikubonise into,” Bahamba ke bobabini baya emnyango. Wafika umkrestu ngaphandle wakha ngesandla amagqabi awomileyo wenza isangqa apha kuwo. Wafuna umbungu wawufumana wawuthatha wawubeka esazulwini salamagqabi. Wathatha umlilo watshisa amagqabi lo ungakholwanga esoloko ejongile ethe nqe. Uthe umlilo wakusondela kulombungu waqala umbungu ukugungqa kwabonakala ukuba uyatsha, kodwa wawungenakho ukuphuma apho emlilweni. Kuthe ke xa kunjalo, umKrestu wakhawuleza wawukhupha umbungu emlilweni wawubeka engceni eluhlaza apho umlilo ubungenakho ukufika khona.

“Nako ke”, watsho umKrestu nantso ke into andenzele yona uYesu. Be kusoloko kulula ukuba amalangatye esihogo andifumane, ebendizungelezile kwaye be kungekho ndlela yakuphuma. Be ndingumooni omkhulu owoyikekayo, be ndifanelwe yinto enye kuphela isihogo, kodwa uYesu wandisindisa ngokundifela, efela izono zam, wandophula esazulwini somlilo ebendimelwe kukutsha kuwo.”

Mhlobo wam, nje ngokuba usiya esihogweni nje emlilweni owoyikekayo, akusakhangeli kuYesu na? Guquka, mxelele izono zakho kholwa umamkele uvume akusindise. Musa ukuba sa linda, mamkele ngoku! Nokuba ngaba uphi, apho ukhona kulungile khupha konke okusentliziyweni yakho uxelele uYesu iNkosi, ngoku, uyakuthanda, Akafuni ukuba wena utshatyalaliswe. Ufuna ukukusindisa ulindele nje ukuva isililo sakho. Mbize ngoku yena uyakolula isandla sakhe esihlatyiweyo, akuphakamise akukhuphe emlilweni akubeke engceni eluhlaza akususe engozini yokutshabalala naphakade. Uyakukubeka endleleni esa ezulwini. Mthembe ngoku!

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

EMAIL: [info@angp.co.za](mailto:info@angp.co.za)

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)